

Group 2 interview

- Interviewer: Good afternoon gentlemen, I am Brian, a student from UNISA. This is Bra Stera who is my colleague and will be assisting me during the interviews.
- Interviewer: As beske sathetha last week ukuthi sizakwenza I – interviews malunga no lwaluko so *today* sizokwenza ke ezo interviews. Mna ndenza I *project about the experience of indigenous circumcision by newly initiated Xhosa men in East London in the Eastern Cape Province.*
- Interviewer: Umbuzo endizakuni buza wona uyi one ngulo “What were your experiences whilst you were undergoing traditional circumcision iquka ixesha elikufuphi phambi kokuba waluke, neli lolwaluko nase kuphumeni kwenu ebukrwaleni?”
- Interviewer: Umntu uzakuqala azichaze ukuba ungubani xa ethetha ukuze sazi ngubani ebethetha xa sikhupela lencoko ephepheni, kodwa esebenzisa e-la gama besivumelene ngalo ukuqinisekisa imfihlakalo yomnini gama. *Anyone can start.*
- Interviewee: Okay. Mna (**K**) like mna zange ndifumane ziproblems ngoku ndizakungena kakhulu ngoba yonke into yenziwa kakuhle. Kodwa ke ndayenza yonke into ndasebenzisa yonke into ya kulo mama kuba mos I timer no mama bebe kwi separation so ndagena nje kakuhle yonke into yenziwa so akwabikho nto. But kwelishesha ndingenayo into ndayi experiensayo ewe ndahlala phantsi ndasetyenzwa ndagqitywa maar baphinda bemka bonke ngongathi abazukuphinda babuye ndasheka nalomfana uzakundihoya kakuhle akwabikho nto. Qha ke ngoku njengokuba intsuku zihamba baye befika abantu bezokundibona qha abanye benza ezi zinto ndingaziithandiyo, sort of ukuphapha bexela ukuba kwathini bekhumsha abanye bezokujonga ukuba ndiyanyamezela na uyabona abanye ngobhuti abadala endandikhe ndabasokolisa so ngoku ndiyabona ukuba babe zokubuyisa isitya umhlambi ufuna u – give up (he) okanye kwathini. *But* naleyo into ayizange iphumelele ngokuba ndazama uku hlala. Enye into ibike indifikele ndifumanise ukuba ndiyayinga ukuba ndisebenzise isiko lakulo mama uyabona ngoko xa singena deep kwisiko ngaske usebenzise isiko lakulo tata wakho but ke nalapho ukhona utata wazama ukundiqinisa kangakuba naye kwenzeka kuye ngolo hlobo zange kubekho nto kuye.

Interviewer: Wawune xhala lantoni?

Interviewee: (K) Ndandinalo ixhala ngoba nam like xa ndincokola namajita onke enze ngohlobo lwakulo tata babo nje kakuhle. Yenye into eyayimana ivela engqondweni yam like I was frustrated ndino - mvandendwa ndiyicinga lendlela ndenze ngayo ukuthi ayi zokundihlupha ekuhambeni kwexesha. Ndandiba namathuba okungafuni ukuthetha sometimes ndizibone ndihleli ndedwa. Ingathi le problem yam ibhalwe ebusweni bam.

Interviewer: Wawu soyika ngathi kuzakwenzeka ntoni?

Interviewee: (K) Yi lanto umhlambi izinto ozenzayo apha ekukhuleni xa uyindonda akukho nto uyenza kakuhle straight uyabona and *yet* ke ngoku nabantwana bakho umhlambi nabo ingaba *affect(er)*.

Interviewer: Okuku qinisa kwalo tata umdala wakokwenu kwenza ntoni kuwe.

Interviewee: (K) Kwandinceda, wandibonisa ukuba ayindim owenze ukuba abazali bam babe bohlukeneyala ayilo lam. Kodwa ke nalapho ndandikhe ndidibane no - tata ndizame ukumncokolela wabe ke endibonisa ukuba ayindim onetyala ngabo bobabini nomama wam abenze ukuba kube nje andinatyala yaye endibonisa ukuba ibiyimi nqweno yakhe ukuba ndingene ngesiko lakhe but ke kwenzeka ezanto zenzekayo ukuba bohlukeneyala. But ibingumnqweno wam ukuba ndisebenzise isiko lakulo tata qha ke kwenzeka lanto yenzekayo. Ne *family* yakulo mama ingavumi ndisebenzise isiko lika tata kuba kukho lemeko yeseperation.

Interviewer: Okay, abanye bathini?

Interviewee: Mna ndingu no (J) njengokuba benditshilo kuqala kwa kwi veki ephelileyo ndingulo waziba andizange ndoluke ngemvume yase khaya phantsi kwe motives ezithile, ndandi funa ukungena ngo *December* enye I motive no 2 ndandifuna ukufana nabanye obhuti ababebadala so ezozinto zandenza ukuba mandibe nokuziba Kwathi kwakusondela intsuku zokungena kwam ndandi *excited at the same time* ndaziva ndisoyika, ndandisoyikisela I "*ou lady* " ukuba lizakuthini lakuva ukuba ndingene yaye ndizibile. Ndandisoyikisela hleze agule kukothuka. Ngelixesha ndisehlathini ndabanalo ixhala lamalungiselelo angenziwanga kakuhle yaye ndisoyikisela hleze kubekho izinto ezingazukuhamba kakuhle esikweni. Kodwa into eyayindigcina ndomelele nabakhuluwa bam babengene ngalendlela

mna ndingene ngayo, le yokuziba. Yayikhona enye into endandiyo yika le yoku ngafumani manzi , hayi ke yona yayi yinto endandiyoyika ndandingayazi nokuba ndizakukwazi ukuyiphumelela. Ndahlala ke ithuba elingangeveki ezimbini ndingojiswanga. Ndayiqonda ukuba sesinye sezizathu ezenziwa ngamabom ukuthi ndiyiqonde ukuba ndibe *wrong (o)* ukungena ngohlobo lokuziba. Yandikhathaza le meko kuba kaloku ndandisele ndidiniwe kukutya ukutya okungenancasa kuba ndilindele ndide ndojiswe. Kwakubuhlungu kum ndibone abanye abakhwetha besitya kamnandi mna ndibe ndisitya iinkobe. Ebukrwaleni bam.

Interviewer: Yima kancinci, makhe sinike nabanye I chance ke sive *like* siza kuphinda singene ebukrwaleni then abanye bakhe bathethe kwezi *experiences* ngelixesha kungenwayo what happened then ke ngoku sophinda singene kwenye I *phase* ebukrwaleni. Ngoku kuya ngewnwa *what are the experiences* zabanye abantu abangeka thethi.

Interviewee: **(N)** *Okay* Mna ngelixesha ndingenayo ndandise ndilapha esibhedlele ndisi - *student* into ye experience endayifumanayo inye endandi ngayithandi yeyokuba, kuba ndandilapha so wonke umntu waye *expecter* kukhona inaliti zokuhlabisa so andiyazi nokuba babe expecter ndihlaba ezonaliti ngokuba qho xa kufike elaxesha lokuhlola abakhwetha kwakusoloko kugcwala ngabantu abazokujonga abakwetha ubone amehlo onke ajonge kum. No khanki wayesoloko ebiza abantu bazojonga mna. Yeyona nto ndandiyicaphukela yile yokusoloko kuboniswa ngam.

Interviewer: Wawuke wayithetha lento ku khanki wakho?

Interviewee: **(N)** *(No)*, ngokuba naye waye *proud* kuba mna ndandingenzanga lanto yokusebenzisa amayeza esibhedlele esoloko efuna ukubonisa ngam.

Interviewer: *Okay*...

Interviewee: **(M)** Mna njengokuba ndandise nditshilo kwangelaxesha lokwaluka kwam ndangena *before* ixesha lokwaluka kwam eyona nto ndayifumanisayo xa usiya uyafuna ukuya kuba otshomi bakho bakushiyile. Nam ndandilinganisa otshomi bam ababe ngena. Ngelixesha ndisehlathini kusuku lo- kuqala zaqalisa izinto ukubambi. Emveni kokumka kwabantu kwathi cwaka ndibe ndihleli nalo khanki ndandi wonderisher ndingayazi nokuba kuzakwenzeka ntoni na. Nalento yokucwela kutshintshe ne atmosphere ube uthunyelwa

ngapha nangapha uyathazeliswa untantiswa. Ibiba kho nalento yokuba ungazokubonwa ngabantu bakokwenu u – *wonder* (ishe) ukuthi kwenzeka ntoni okokoko uhleli nalokhanki wakho , kulapho ke ngoku ucinge izinto ezininzi elixesha ey..umane uzibuza wedwa ‘*I wonder*’ ke ngoku ndizakukwazi ukunyamezela elixesha ndiligqibe ey ukuba ndingafa phofu uzixolisa ngabanye abasele begqithile elwalukweni bebancinci kuwe. Kwathi ngosuku lwesithathu ndiphaya ndaqonda makhe ndi “*tense*” ndandi dikiwe yi *diet e – dry* ukutya inkobe. Ndandingaseli ndingatyi nokutya kwaye kwanyanzeliswa ukuba ngomqibelo ndojiswe ukuze ndikwazi ukutya kamnandi.

Interviewer: Okukutya kungathandekiyo kwakuthetha ntoni kuwe?

Interviewee: (M) Mna kulanto yokukutya *as* wawuye ucaciselwe into yokuba ngoku awuzophinda utye kufuneka utye I - *crush* okanye inkobe uyayi xeletwa ukuba uza kukhawuleza ube *right* apha kuwe emzimbeni uyabona, uphile msinyane. Nale yokunga seli manzi uyayi xeletwa nayo ukuba kutheni ungazi kuwasela kuba wona enza umntu abe nomlambo othi ke usokolise ungaphili msinyane. Mna ndandinalo nexhala lokuba, ukuba ndinokuba *dehydrated* ndi *collapse* kungathwani yaye ndizibone sele ndisiwe esibhedlele. Khona ndandinokubuya ndihlale njani phakathi kwabanye abantu.

Interviewer: Yintoni engalunganga xa uye esibhedlele?

Interviewee: (M) Use yinkwenkwe uyababona abantu abasuka esibhedlele ukuba bahlala njani ekuhlaleni.

Interviewer: Bahlala kanjani?

Interviewee: (J) Kule ndima yokuya esibhedlele ndazixelela kuzofuneka ndifele pha kunokuba ndiye esibhedlele. I told myself ingaske ndicishe kunoba ndiye phaya ngoba nase khaya akukho mntu wakhe waya esibhedlele mna ndizoba ngotheni.

Interviewee: (M) Saside sithi sisonke, ndizibizele ngokwam lento ngcono ndife bhetele soze ndiye esibhedlele.

Interviewer: Noyikisela ntoni, yintoni le niyoyikayo kude kucace ningafela phaya esuthwini?

Interviewer: (I) Eyona nto ingamandla esiye siyoyike xa ungumkhwetha osiwe esibhedlele eeh ... uzakubuya so ubizwa ngamanye amagama, kuthiwe ulilulwane xa ulilulwane awuzokwamkeleka ekuhlaleni, awuzukuba nazi - friends uzakusuke uthathwe ufaniswe nezintwana zincinci ubone ukuba awunasidima plus awomkelekanga so yeyona nto ibuhlungu. Ufika ufamanise ungumntu oyedwa

Interviewee: (M) Awukwazi ku interactor kula – social group u – suppose uhamba nayo ubonwa nangubani ama - *cherry* ayakubona ubani akahambi namanye amakwala *so even* uthi usiya phaya ema - *cherry (ini)* ufumanise ayakubhebhetha la *way*. Ayipheleli phaya ebukrwaleni *even* naxa kuphindwa ekuhlaleni ukuba kukho umsebenzi uya bhebhethwa ungabi nandawo yokuhlala awukwazi ukuya emakrwaleni futhi awukwazi nokuya emakhwenkweni.

Interviewee: (L) Xa uthe waya esibhedlele uye ufumanise ukuthi umntu u - *in between* | *manhood* nobukhwenkwe umntu axelwe ukuthi azange abugqibe ubudoda awuyondoda egqibeleleyo so awuzokuhamba namadoda okanye amakhwenkwe so awunandawo even nasebuhlanti xa kukho umncimbi awu - *fit (hishi)* emadodeni. Awukwazi ukuya kwamanye amadoda.

Interviewee: (M) Into endayiqwalaselayo kwaba bafana baye baya esibhedlele umntu ufumanisa uphakuphaku, u looser ne self confidence. Yonke into ayenzayo ayikho right ufumanisa naye iyam *affecter* angabikho *right mentally* kuba ebizwa ngalamagama aphinde angomkeleki. So ukuba ebizwa right ebengasoze azenze ezo *way a - behave wrong (o)*.

Interviewer: *In other words*, ukuba ndiniva kakuhle umntu ebeba nezingcinga zokuthi angakhe aye kuwela esibhedlele xa ase suthwini?

Interviewees: (All) Ewe.

Interviewee: (I) Kuzo zonke izinto ozenzayo into umntu ayi - *strive (shelayo)* kungayi esibhedlele.

Interviewer: U – (M) ebekhe wathetha ukuba kukhona | *pressure* awaye nayo pha ekuhlaleni kuba ebona kukhona intwana ezaya zangena kuqala kunaye. Andazi nokuba bendimve kakuhle.

Interviewee: (M) Ja, zazikhona ezo zinto zinjalo *cause* kwase kuhlaleni uhlobo endikhule ngalo ndikhule nababantu abadala kunam. Zakhona ezanto zoba stout kwamakhwenkwe e – lokshini kuliwe mhlambi yi group ethile ndandiphambili ke kwe zozinto kuphunywa nam. Yayi khona ke nalanto nalapha ekwalukeni. Awunaphinda ke uyi la character urhuqe emva ube ngowo kugqibela egroup (ini) yakho.

Interviewer: Right, benihleli njani phaya esuthwini. Benizonwabisa njani.

Interviewee: (K) Umkhwetha endandi ngene naye waye kuthanda ukuzingela waye mana endiqhuba ukuba siphume siyo kuzingela. Enye into ewayeyithanda kukutshaya. Wayefuna ukuba nditshaye kodwa mna ndandingamvumeli. Waye mana ethetha izinto umve esithi yindoda enjani le ingatshayiyo. Ukuba ndandingumntu o weak ngendandi buye nditshaya.

Interviewer: Wayetshaya ntoni?

Interviewee: (K) Waye tshaya intsango. Naxa sihleli singabakhwetha ubuye ubone umhlambi omnye umkhwetha esithi kuwe *ek se* betha *one, it means* tsala umsi wezoli yentsango kube kanye uyigquthise kwabanye. Yonke lento ibisenziwa *for* ukuzonwabisa. So ibiba khona I – influence ye pressure kwa komnye umkhwetha.

Interviewer: Kuthiwa uzakuba njani xa utshaye lentsango?

Interviewee: (K) Kukho nezinto ezithile like uxelelwe ukuba uyayitshaya intsango yonke into izakuba *right* akukho nto uza kuyithatha *serious* xa upha ehlathini *like*, ungonwabi. Nje yonke into izoba *grand*.

Interviewer: Abanye babakhe banayo I – *experience* enjalo.

Interviewer: (N) Ja, thina sasi *about* 4 singabakhwetha, okhanki bethu babe tshaya intsango. Sathi ukuqala kwethu emveni kokojiswa abanye abakhwetha babemana betshaya no khanki babuye bazokusixelela abanye ukuthi akukho nto *I wrong(o)* nokutshaya zitsho izinto uzive zibhetele nalapha esikweni. Sasimana nathi *one by one* sisiya sifuna ukuzivela lento nabo bayivayo. Ngamanye amaxesha kwakuye kufike abanye abafana besuka elokshini ufumanisa nabo benza eyabo *ipressure* bemana bekubiza kwedini yiza uzo kutshaya, uzokutshaya. I – *influence* yayikhona ininzi. Saphinda sabonisana singaba

khwetha ukuba masiyiyeke lento. Umntu pha angabuya etshaya kodwa ebeye engengomntu utshayayo.

Interviewer: (J) Ukuba uyaqwalasela nje kakuhle kweziveki zokuqala umntu ongumkhwetha kulula ukuba anga *influence* (ka) ngamandla. Nantoni ekuthiwa makayenze uyayenza.

Interviewee: (M) Mna kula ngingqi ndisuka kuyo I *age group* yethu bambalwa kakhulu abantu abaselayo. Mna ndandisela nje nge *big occasions*. Ngoku ndandisehlathini ndaqala pha ukutshaya. Nokhanki wam wayetshaya. Into eyayiyenza kum ndandivela ndilale ndiya bona ke yayindiqhunyisa ndiyotywe. Kodwa ke okokutshaya kwaye kwa phelela phaya. Baninzi nyani abantu abaziqalayo izinto *like* ngoku besele sizakuphuma kusisiwa amagogo otywala ebakhwetheni ufumanise umntu ngoku ebeyinkwenkwe azange asele uqala pha ukusela iphele lonto ingumlibe naxa sele ephumile. Ngelishesha lokuvula izikolo xa sidibana singamakrwala sise sikolweni iyakwazi ukuthi siswazane nyani. Sifune iibotile zotywala.

Interviewer: Uthetha ngokuswaza, benzisela ezi botile zotywala nani.

Interviewee: (M) Ziselwa sithi kaloku, sithi abaziselayo (qhuzu - qhuzu ngentsini).

Interviewer: Uthini umntu ongaseliyo kule group yesikrwala.

Interviewee: (M) Kuyakwazi ukuthi kuswazwe umntu ongaseliyo *but* kwange ngentlonti yothile athi kha usele uyihamba ngokwakho ngoba nguwe oze nayo lo botile kuthiwe mayiqale kuwe kubonwe ukuba yinto etyiwayo. Kukho eza *stages* zenziwayo ke pha kufuneka unyanzelekile uzenze kuzafuneka iqale kuwe awunakusinika into ungakhange uyitye, uphele ke ngoku nawe usela umlibe.

Interviewer: Abanye bathini, ngoku sele niphumile I – experiences zenu zithini?

Interviewee: (I) Ey into eye ibe buhlungu kakhulu kugezeleka ngamakrwala. Uye ufumanise kwezinye indawo udibana nontanga bakho bezinye indawo bazakuza kuwe besithi abakwazi kulapho ke ngoku bafune nithethe ilwimi lwenu lesi krwala. Enye into eya ibebuhlungu kuye kushiyiswane ekuthetheni ukuba ke uye wabethakala kwezantetho zesikrwala uza kuswazwa. *And then* wakube uswaziwe kuye xhomekeke phofu ukuba wazi

kangankanani *if* bayabona kuwe kuphandle akukho nto baza kuswaza mhlambi bangapheleli apho bakugezele bathi awuyondoda ngoku ulikwala baphele besenza izinto ezigezayo umhlambi kujikwe impahla zakho zigqwethwe kuthiwe ulilulwane bakujongise nanga banye abantu.

Interviewee: (L) Njengomntu okhulele kwi *rural areas information* ayifani. Mna ndandingene kwi *rural area*. Ukuphuma kwakho phaya uye udibane namanye amakrwala angenele kwi *urban areas* oza kudibana nabo bengamakrwala *so* ke inzima lanto wena ungumntu osuka kwi *rural areas* okokuqala akululanga ukuza etown soze uye e - *town* lula uzakuthi ngelixesha uthi uyayazi lento uyifundiswe ngobhuti bakho *maar* uzakuthi wakudibana namakrwala ase dolophini basebenzise isitsotsi. Uye uzifumanise awazi nto tu kusetyenziswa isitsotsi uphela ungazi nto tu uzi *feel (ishe)* ngathi awuyondoda okanye uye ubuye ungena zimpahla umhlambi *imost* yempahla zakho ziyakhululwa kusithiwa awuyo ndoda okanye ubethwe ngee *cap* so iba yi *disadvantage* into yokoluka kwi *rural areas* xa use dolophini.

Interviewer: Bathini abanye abantu kulento ithethwa ngu number 40?

Interviewee: (L) Mna kwelam icala kubantu esaso luke nabo sasiyi group eyayibambene. Into eyayisenzeka njengokuba solukele elokshini njengokuba sihamba siyi *group* sasi ngabe area eyi *one*. Kwakungekho mntu owayenokukwazi afike agqobhoze *but* thina sasikwazi uku *bully (isha)* amanye amakrwala. Sasisithi nje usathetha sibe sesiveza iimela zethu nemipu. Abanemipu bayasazi nathi sendisithi siyazana so sasithi xa sidibana namanye amakrwala esiqala ukuwabona siya siphethe iimela nemipu ufumanise umntu akakwazi ukuthetha ngoba kukho le *element* ayibonayo yemela nemipu.

Interviewer: Ndisenomdla kule ndawo ye *guns* bathini abanye abantu.

Interviewee: (M) Nam kwelam icala kwelahlathi saso lukele kulo yayilhlathi elalisaziwa ukuba kuphuma kulo amakrwala atshatshararhi. Nithi niphuma pha nibe nifuna ukuya kuzibonakalisa ngaphandle. Kwathi ngenye imini sihamba singamakrwala sibaninzi sizithele futhu sivela komnye umzi owaye nomgidi welinye ikrwala sadibana namanye amakrwala. Sawabuzi buzisa siwadodisa safumanisa intetho yethu ayidibani babengamakrwala aluke engamaHlubi thina singamaXhosa. Sabakhululisa ibhatyi sibagezela sisithi ayingomadoda sabadudula sabangenisa kwenye indlu kanti asiyazi ukuba kuko kwawo. Ndandiphambili nalapho waphuma utata walapho ephethe umpu ndafumanisa ukuthi enye igroup le ndandi

hamba nayo ibalekile nam ke ndabalekela ukusindisa ubom bam. Kulapho ke ndasithathayo isigqibo sokuba ndiwuyeke lomkhuba mbi kuba ndaphantse ukwenzakala.

Interviewee: (I) Enye into endicinga ukuba abantu bangaphatheki kakuhle. Sikhona nje isigezwana noba umhlambi uhamba pha eHighway uzakudibana namanye amakrwala akudodise ufumanisa bafuna nje ukuswaza kuba befuna ibhotile. Baza kubuza isigezo izinto eziphuma ecaleni. Likhona nelinye ikrwala elali phethwe kabuhlungu ligezelwa ngamanye amakrwala besoloko beliswazisa kodwa kokwalo kwakuhlutshekiwe laphela lona lizixhoma kuba kaloku lalingenayongo lamali yokuthenga ezabhotile zotywala.

Interviewee: (K) I – khona nam into eyayikhe yafuna ukundisokolisa ekuphumeni Kwam. Ukhona umfana owaye hlala e – next door kwasendlini yena kwafumaniseka ekwalukeni kwakhe waye wasiwa esibhedlele ndiyabona zikhona izinto ezazingahamba kakuhle ekwalukeni kwakhe. Xa amanye amakrwala aye esiya kuye ambuze emdodisa kwakuye kufumaniseke izinto ezininzi akazichani kakuhle. Ndandikhe ndizame ukumthethelela kwabanye osaluka bam ndaphela ndixelelwa yi group yam ukuba mandikhethe phakathi koku hamba nayo or ndi *choose* ukuhamba nalo mfana ulilulwane. Yaye yandiphatha kakubi kakhulu kuba ndandimvela ndimcingela ukuba naye akakhange azikhethela ukuba kule meko *but* wazibona ekuyo ngemeko awaye ngakwazi ukuba azinqande. Yayimkhathaza naye lento sometimes wayeba nexesha lokuzikhetha angafuni ukudibana nabantu azihlalele kokwabo anaphumi nasendlini. Waphela eyeka nesikolo kuba wayesoyika isigezo samanye amakrwala.

Interviewee: (N) Eh .. phaya ebukhwetheni akukho nto ikangako zikhona nje izinto ezincinci uphinde udlule kuzo but uthi wakuphuma ungene esiikrwaleni uye ubone ukuthi kubhetele kwaphaya ebukhwetheni. Isigezo apha esikrwaleni sininzi kwaye namakrwala ayakuthanda ukuthetha intando yawo. Amakrwala ayakuthanda ukuthetha intando yawo abe umntu efuna ukuzibonakalisa ukuba ungubani. Qha thina sasigqibe kwinto enye thina ukuba umntu uthi wasigezela sakuke simbethe ukuba uzabe esixelela ukuba asingomadoda sibe thina solukile.

Interviewer: Ingathi siyavana ngalentetho, ingaba ikhona enye I factor umhlambi ekhoyo esingekayithethi.

Interviewee: (J) Ukongeza nje , yazi nje phaya esikrwaleni ngelishesha sisesikolweni kwaye kwabakho ikrwala elaye likrokrelwa ngamanye amakrwala ukuba loluke esibhedlele mna ndandi close

kuye. Ndaye ndabizwa ngamanye amakrwala ukuba ndize kuthetha kuba yayindim ikrwala elidala esikolweni, Ndaye ndalibuza eli krwala ukuthi lona lizibona lifana namanye amakrwala kusini na . Waye waphendula elandula. Ukususela lo mini alizange liphinde libuyele esikolweni. Nangoku ndisazisola ukuba nam ndaba nenxaxheba yokugxotha eli krwala esikolweni.

Interviewer : Okay.

Interviewee: (I) Ababantu badala boluka kudala umhlambi bahlale kakhulu esikhwetheni banayo kakhulu intlonti. Bayayazi xa uphaya awazi nto, nokuba bafuna wenze ntoni awukwazi kuba phikisa kuba basuke bakubuze xa uphikisa ukuthi uyaphinda na ukwaluka ngoku uphele usenza lento bayifunayo. Wena kuba umthemba uphela usenza lento ayithethayo uphele usenza into kanti yena uyakuntlonta uphele uchaneka .

Interviewee: Khona enye into esifuna ukuyithetha ... Hayi ke mandithathe eli thuba lokuba ndinibulele ngexesha enisiphe lona senze ezi interviews kuni. Kodwa ke asizi kuzithumela zinjengokuba sithethe ngalo siza kuzi analayiza siza interprethe sifumane ifindings. Xa sigqibile siza kuformulata I guidelines sikwazi ke ngeloxesha sini bonise ukuba sifumana ntoni. Enkosi kakhulu ke ngentsebenziswano esiyifumene kuni.